VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# ULUNGELELWANISO LOMBINDI NYAKA LESICWANGCISO ESIHLANGENEYO SOPHUHLISO SOWAMA2022-2027 (IDP) (2023/2024)

ISixeko saseKapa simema izimvo zoluntu ngokumalunga neenguqu okanye izilungiso kwiSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso (IDP) esiphuma kuhlahlo mali luka2023/24 olulungelelanisiweyo lwaphakathi enyakeni ngokwesigqibo seBhunga sangowama30 kweyoMqungu (Janyuwari) 2024. Ezi nguqu okanye izilungiso zenziwe ngokukodwa kwiKhadi laManqaku leZiko, kumakhadi amanqaku amaqumrhu kamapala (iZiko leNkomfa yeZizwe kunye neStediyam saseKapa), kunye neSicwangciso sezeMali, eziyinxalenye yeIDP yowama2022-2027.

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu namaqela okanye imibutho enomdla lunikwa ithuba lokungenisa izimvo, izindululo kumasipala ukususela ngowe5 ukuya kowama26 kweyoMdumba (Februwari) 2024.

**Izimvo zingangeniswa ngolu hlobo lulandelayo:**

- Imeyile: NTO5YR@capetown.gov.za
- Izimvo ezibhaliweyo: Zingangeniswa kwiofisi yebhungana ekufutshane nawe
- Iwebhusayithi:www.capetown.gov.za/haveyoursay

IYunithi engeNtatho-nxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuze ifumane izimvo zabo ukuba zirekhodishwe kwaye zingeniswe kwiSixeko. Qhagamshelana neYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu ku0800 212 176 ukuze ufumane uncedo ngendlela yokufaka izicelo.

Iinguqu kunye nezilungiso kwi-IDP eziphuma kuhlahlomali olulungelelwanisiweyo lombindinyaka ka2023/2024 ziza kufumaneka ukuba zihlolwe kwii-ofisi zeBhungana, amathala eencwadi kamasipala kunye nakuwww.capetown.gov.za/haveyoursay.

**Ngeenkcukacha ezithe vetshe qhagamshelana neYunithi yoCwangciso lweSicwangciso buchule kuNTO5YR@capetown.gov.za.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA10/2024

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.